**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**QAPHELA:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
- Fundisisa imibuzo uze uphendule ngokwamanqaku.
- Icandelo ngalinye maliqalwe kwiphepha elitsha.

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

1.1 Bhala isincoko sibe SINYE kwiindidi zezincoko ozinikiweyo malunga namaphepha amaBINI azeleyo ubude (250-350) yamagama.

1.1.1 Bhala isincoko-ntelekelelo esisihloko sithi ‘Kowu! Ingathi awude ufike 2010 sizokubona izinto zamehlo’. Zivelele zonke iinkalo xa uthelekelela, usiphakele sihluthe.




(30)

**OKANYE**

1.1.2 Bhala isincoko-mbaliso esihloko sithi: 'ukohluthwa kwezindlu ngenkani ezo zingahlawulelwayo ngabanikazi. Balisa ngazo zonke iziganeko zolo suku okanye zaloo veki. (30)

**OKANYE**

1.1.3 Bhala isincoko esiphuhlisa umbandela wolwaluko. Yitsho kuvokotheke ngesihloko esithi 'Isiko lolwaluko'.



(30)

**OKANYE**

1.1.4 Bhala isincoko esiyingxoxo-mpikiswano. Umcimbi ushushu malunga nemfundo yeOBE apho abafundi kunyanzelekileyo ukuba bagqithiselwe bonke kumabanga alandelayo nokuba sekumnyam'entla. (30)

**OKANYE**

1.1.5 Bhala isincoko esixoxayo, uveze iimbono zakho ezingqinayo neziphikisayo ngokuba amakhosikazi mawazisebenzele. (30)


**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

## ICANDELO B

Kweli icandelo ubuzwe imibuzo emithathu omawukhethe kuyo imihlathana emiBINI. Ukuba ukhethe umhlathana kumbuzo-2, omnye wukhethe phakathi kombuzo-3 okanye -4.

**UMBUZO 2**

2.1 Uphumelele ibanga leshumi elinesiBINI, kwaye ubalasele nakwezemidlalo. Ufuna ukuqhubela phambili le talente ngokuthi wenze idiploma yoLawulo lwezeMidlalo (Sports Management), kodwa awunawo amandla okwenza oko. Bhala ileta eya kuMphathiswa wezeMidlalo uMnu. Stofile, ucele uncedo ngalo mba.



Makhaya Ntini

(15)

**OKANYE**

2.2 Bhalela umhlobo wakho ileta. Umxholo wayo mawukhokelwe yindlela ochukumiseka ngayo xa ubona lo mfanekiso weBongo Maffin.




(15)

**UMBUZO 3**

3.1 Bhala ingeniso yedayari ngombandela wokulwa kwakho nomfundi othe wakwenzakalisa, ngoku uphaphama sowusesibhedlele, yaye sowuphuma nakwigumbi labagula kakhulu. (15)

**OKANYE**

3.2 Ulilungu le LRC labafundi beBanga leShumi elineSibini. Uthunywe ngabo kwintlanganiso yenu neziphathamandla zesikolo engombandela wokuthi ndlelantle kuni ukuphela konyaka. Yenza ingxelo kubafundi ngokuthe kwaxoxwa. (15)

**OKANYE**

3.3 Yenza isigxeko-sincomo ngendawo yokutyela obe ukhutshelwe kuyo ngabazali bakho xa ubugqiba ishumi elinesibhozo leminyaka. (15)

**OKANYE**

3.4 Ungunobhala weqela iPhaphamani labahlali baseMotsaledi. Abaninzi kuni abakwazanga ukuvota ngenxa yokungaphumi kwezazisi zabo ngexesha, benganikwanga nezethutyana izazisi. Bhalela umphathiswa wezaseKhaya, udandalazisa ukungoneliseki kwenu ngale nyewe. (15)

**UMBUZO 4**

4.1 Uphumelele iBanga leShumi elinesiBINI kwisikolo obusenza kuso ikhompuyutha. Ubone isibhengezo kwiphephandaba apho kufunwa abafundi abangaya phesheya kolwandle ukuya kwenza izifundo zeKhompuyutha Enjineri. Thumela isivi yakho kwindawo exeliweyo ephepheni. (15)

**OKANYE**

4.2 Ufuna ukuvula isikolo sokuqeqesha amabhinqa kumsebenzi wezandla. Bhala isibhengezo, utsho kuvokotheke ngokuza kufumaneka kweso sikolo, ungayilibali indawo ofumaneka kuyo namaxabiso. (15)

**OKANYE**

4.3 Thumelela usisi wakho i-imeyile, uvuyisane naye kwimpumelelo yakhe ekubeni nguNobuhle waseBhayi kukhuphiswano obelubanjelwe kwiholo yakwaNobuhle. (15)

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

ICANDELO C

**UMBUZO 5**

Khetha uphendule umbuzo ube MNYE kweli candelo:

***Apha Naphaya* – D. M. Jongilanga**

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela:

> IGomora ke ibifana nenye ilokishi oyaziyo ekuloo meko. Kuhambeke, kwahambeka, kwacaca ukuba unina makaqeshe umntu wokuncedisa ekhaya apho, kuba wayengazalanga ntombi. USiganeko wakhula ke efunda engazange azi nawuphi na umsebenzi. Ubesithi akugqiba ukutya ashiye apho yonke into, kwacaca ukuba umntu owayeqeshiwe apho makamenzele yonke into. Ubesakuthi akukhala umqeshwa ekhalela ukungancediswa yile ntwana nakuba yayikwixabiso lokufunda imisebenzi, asuke axelelwe okokuba uqeshelwe uSiganeko lowo. Ubesithi akutsaza ngenxa yokukruquka, axelelwe ukuba indlela imhlophe, sizele isitalato ziimbedlenge ezidinga umsebenzi.

5.1.1 Ngoobani amagama abazali bakaSiganeko? (2)

5.1.2 Yintoni eyayibangela uSiganeko afekethiswe olu hlobo ngunina? (1)

5.1.3 Xela igama lentombazana eyayiqeshelwe uSiganeko. (1)

5.1.4 Chaza izizathu zibe ZIBINI ezazibangela ukuba azityhutyhe phantse zonke izikolo uSiganeko. 2x2=(4)

5.1.5 Wagqibela esebenza kowuphi umsebenzi uSiganeko? (1)

5.1.6 Ucinga ukuba yintoni eyamenza ade abe uyazinza kuloo msebenzi? (2)

5.1.7 Nika igama lentombazana eyatshatwa nguSiganeko. (1)

5.1.8 Yayizalwa ngubani Ie ntombazana? (1)

5.1.9 Sizathu sini esasibangela icekiswe nguninazala? (2)

5.1.10 USiganeko wayisombulula njani ingxaki phakathi konina nomkakhe? (2)

5.1.11 Yazikhulula njani yona inkosikazi kaSiganeko kwiingxaki zomzi wayo? (2)

5.1.12 Sithini isihloko seli balana? (1)
**[20]**

**OKANYE**

5.2 Hlalutya ibalana elithi "IndIaI' inamanyala" phantsi kwezi ngongoma:

5.2.1 Ingxaki kaNozenza. (5)

5.2.2 Iinzame zikaNozenza zokuziphilisa. (12)

5.2.3 Isisombululo. (3)
**[20]**

**UMBUZO 6**

***Sasinoncwadl Kwatanci* – S.C Satyo Nabanye**

6.1 6.1.1 Liliphi ixesha elichanekileyo lokwenziwa kweentsomi? (1)

6.1.2 Kutheni zisenziwa ngelo xesha nje? (2)

6.1.3 Ngoobani abadla ngokubalisa iintsomi? (1)

6.1.4 Yintoni ebangela zibaliswe ngabo? (2)

6.1.5 Kwilizwe lakwantsomi:

a. Sesiphi esona silwanyana saziwa ngobunganga? (1)
b. Sesiphi isilwanyana esidume ngamaqhinga? (1)
c. Sesiphi isilwanyana esidume ngobuyatha? (1)

6.1.6 Kwincwadi yakho yeentsomi, xela iintsomi ezimbini esithi sifumane kuzo imfundiso ethi: "Ububi abunawo amandla okoyisa okulungileyo." 2x2=(4)

6.1.7 Ithetha ukuthini le ntloko ithi Sasinoncwadi kwaTanci? (3)

6.1.8 Nika iindidi zibe ZINE zoncwadi lweMveli. (4)
**[20]**

**OKANYE**

6.2 6.2.1 Pikica isiphumo esihle esandulelwa yinkohlakalo kwintsomi ethi: Imvelaphi yezimba (12)

6.2.2 Nika imisebenzi yamaqhalo ibe mibini. (4)

6.2.3 Kwiqhalo elithi “Ingwe idla ngamabala”; Yintoni kanye le ibalulekileyo yaye uyintoni umsebenzi wayo? (4)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**